

# Iintsapho ezithanda ukufunda

## Ulwazi lokubala

Iingcebiso kubazali –  
Iindlela zokuphucula  
izakhono ze-maths  
zomntwana wakho  
ekhaya



## Ulwazi lokubala – Okufanelwe kwaziwe ngumntwana wakho weBakala 3 xa ekwiBakala 3

Ikharityhulam kazwelonke ichaza  
okufanelwe kwaziwe ngumntwana wakho  
nafanele akwenze kwibakala ngalinye  
kwisifundo ngasinye, kunye ne-Maths.  
Umzekelo, abantwana kwiBakala 3 kufuneka  
babe nokwenza oku kulandelayo:

**Abazali bangenza okuninzi  
ukuphucula izakhono ze-maths  
zabantwana babo ekhaya. Oku kulandelayo  
yeminye yemizekelo:**

- Fundisa umntwana wakho ngeemilo, ngokwenza iisendiwitshi uze uzisike zibe zizikwere okanye ngoonxantathu.
- Galela ngomlinganiselo iipopkhon/umbona ekomityini:  $\frac{1}{4}$ ,  $\frac{1}{2}$ ,  $\frac{3}{4}$  yekomityi.
- Dlalani imidlalo yeenamba-pleyiti zeemoto, umz. ukudibanisa okanye ukuthabatha amanani ama-2 ukuya ku-3 kwiinamba-pleyiti lo gama nisendleleni.
- Dlala imidlalo ngemali umz. Ndine-50 senti esandleni sam eziikhoyini ezi-3. Zeziphi iikhoyini endinazo?
- Usebenzisa amakhadi okudlala, buza imibuzo ngemibala, iimilo zamakhadi, dibanisa amakhadi, thabatha inani kwelinye, wasote okanye uwabeke,alandelelane, umz. i-ace, ne-king; i-king ne-ace.
- Jonga kwezi zinto zingezantsi umzuzu ubemnye, jonga ecaleni. Zingaphi izinto onokuzikhumbula?
- Yitsho ixesha.
- Sebenzisa imicinga yematshisi ukudibanisa, ukuthabatha nokwenza iimilo.
- Makakuncedise umntwana wakho usote ivasi eza kuhlanjwa, umz. sofa imibala, bala lo gama usotayo, beka iindidi zevasi kunye (umzekelo iitawuli okanye iihempe).

### 1 Ukusebenza ngamanani

- Ukubala ukubuya umva nokubheka phambili ukususela ku-0 ukuya ku-1000
- Ukwazi amaqhezu (iikota, ihafu, iikota ezintathu)
- Ukusebenza ngee-100s, 10s, nee-1s
- Ukwazi ukuba imali isebenza njani na (umz 150c = R1.50)
- Ukudibanisa uze uthabathe amanani aneedijithi ezintathu (umz.  $342 + 241$  and  $492 - 231$ )
- Ukuphinda-phinda uze wahlule amanani aneedijithi ezimbini nganedijithi enye (umz.  $24 \times 3$  kunye  $32 \div 4$ )
- Ukudibanisa, ukuthabatha, ukwahlula-hlula nokuphinda-phinda ukuya kutsho ku-50

### 2 Sebenza ngeepatheni zamanani

- Umzekelo, khetha inani elingekhoyo: 2;  $\frac{1}{2}$ ; 6; 8

### 3 Ukusebenza ngesithuba (space) neemilo (shapes)

- Ukuqaphela iibhokisi, iibhola, iisilinda, oonxantathu, izikwere, iingxande, izangqa, iikhowuni, iiphiramidi.

### 4 Ukumejarisha izinto

- Ukuqonda ukuba zimejarishwa njani na izinto, umzekelo: Ixesha; Ubunzima; Umthamo; Umgama.

### 5 Ukusota nokucwangcisa izinto

- Abafundi mabafunde ukuba zisotwa zize zicwangcise njani na izinto. Ikharityhulam izibiza ezi zakhono ngokuba zii- "data handling" skills, okanye izakhono zokucwangcisa.



**ISEBE LEMFUNDO  
leNtshona Koloni**

URhulumente Wephondo leNtshona Koloni



**Omnye ufundisa omnye  
Sisonke sakha iKhaya elithanda uKufunda  
loMntu Wonke**